

Iimpawu Zegosa



SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo Sale Veki:

Heb. 11:8–12; Roma 4:13, 18–21; Mat. 6:24; Heb. 9:14; 1 Yohane 5:2, 3; Luka 16:10–12.

Indima Yenkumbulo:

“Makenjenjalo ke umntu ukucinga ngathi, athi singabakhonzi bakaKristu, athi singamagosa eemfihlelo zikaThixo. Ke kaloku ke, kufuneka kuwo amagosa, ukuba ulowo kuwo afumaneke ethembekile” (1 Korinte 4:1, 2).

Amagosa aziwa ngohlobo lwawo, okanye iimpawu ezigqamileyo, njengabathengisi abaziwa ngeelogo okanye iimpawu zabo. Abantu abaninzi baye babaluleka ngokuziguqula bazenze uhlobo oluthengisekayo. Uhlobo lwegosa olungumKristu, kukubonakalalisa uthando lukaKristu ngobudlelwane elinabo kunye naYe. Xa siphila sisenza iimpawu zikaKristu, ubomi bethu buya kutyhila uhlobo lwethu. Uhlobo lwethu luhlobo lwaKhe; ubuthina buhlanganiswe nobaKhe (1 Kor. 6:17).

Kule veki siqwalasela iimpawu ezibonakalalisa isimilo samagosa kaThixo ezenza igama lohlobo. Ezi mpawu ziyasikhuthaza njengamagosa athembekileyo enyaniso yaKhe. Uphawu ngalunye luchaza ulwalamano oluya lusibanzulu esinokuba nalo naLowo weza kufuna nokusindisa oko kulahlekileyo. Okona ezi mpawu zokuhle ziya zifundwa, okona zisiya zingena nzulu ebomini bethu. Isimilo sikaThixo sothando, ngazo zonke iindlela esibonakala ngazo, siya kuba luhlobo lwethu sibe nempembelelo kuwo onke amacala obomi bethu, namhlanje nangonaphakade.

**Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha Februwari 10.*

Ukuthembeka

“Ke kaloku ke, kufuneka kuwo amagosa, ukuba ulowo kuwo afumaneke ethembekile” (1 Kor. 4:2). Ukulwa lize loyise “umzamo omhle wokholo” (1 Tim. 6:12) kubalulekile kwigosa elithembekileyo. “Ukuthembeka” yinto uThixo ayiyo nekufuneka sibe yiyo ngaYe esebenza ngaphakathi kwethu. Ukuthembeka kuthetha ukuhlala sinyanisile kwinto esiyaziyo ukuba ilungile, ngakumbi kubushushu bamadabi asemoyeni.

Iimfazwe zomoya phakathi kokulungileyo nokubi, ziya kubakho ngokuqinisekileyo. Ziyinxalenye yokulwa ngokholo. Isigqibo esiphawula amagosa kuyo nayiphi imeko, kukukhetha ukuthembeka. Ukuba uthanda ubutyebi, qiniseka ukuba uhlala uthembekile kuThixo nakwinto ayithethayo ngeengozi zokuthanda imali. Ukuba ubawela udumo, hlala uthembekile koko kuthethwa liLizwi likaThixo ngokuthobeka. Ukuba uzamana neengcinga zenkanuko, hlala uthembekile kwizithembiso zobungcwele. Ukuba ufuna igunya, hlala uthembekile koko uThixo akuthethayo ngokuba ngumkhonzi kubantu bonke. Ukukhetha ukuthembeka okanye ukungathembeki kukholisa ukwenziwa ngomzuzwana ongangethanyazo, nokuba iziphumo ziya kuba zezikanaphakade.

Funda: Hebhere 11:8–12, 17–19, noma Roma 4:13, 18–21. Zisifundisa ntoni ezi ndima ngokuthembeka?

KwisiHebhere “[u]thembeka uthetha ukuthemba. Kwale ngcambu inye isinika igama u“amen,” kwaye lithetha “ukuqina” okanye “ukuzinza.” Ukuthembeka kuthetha ukuthi sivavanyiwe salingwa, sahlala sizinikele ngokuzinzileyo kwiicebo likaThixo. Elungiselela ukuthetha phambi kokumkani, umHlaziyi uMartin Luther, wafunda ilizwi likaThixo, wakhengela awakubhalayo, wazama ukulungisa impendulo yakhe ngendlela efanelekileyo. . . . Wasondeza iziBhalo ezingcwele . . . wathi, echukumisekile, wabeka isandla sakhe sasekhohlo phezu komqulu ongcwele, waphakamisela ezulwini esasekunene, wafunga ukuba uya kuhlala ethembekile kwiVangeli, nokuluvuma ukhohlo lwakhe ngokukhululekileyo, nokuba uya kubutywina ubungqina bakhe ngegazi lakhe.”—J. H. Merle d’Aubigné, *History of the Reformation* (New York: The American Tract Society, 1846), vol. 2, book 7, p. 260.

Funda: IsiTyhilelo 2:10. Amele ukuba athetha ntoni kuthi ngokuhamba neNkosi yonke imihla amazwi athi, “Thembeka kude kuse ekufeni”?

Ukunyanyiseka

“Akukho mntu unako ukukhonza nkosi mbini; kuba eya kuyithiya le ayithande leya, aninako ukukhonza uThixo nobutyebi” (Mat. 6:24). Isifundisa ntoni le ndima ngokubaluleka kakhulu kokunyanyiseka kuThixo?

Ukwazi ukuba igama likaThixo lithetha “uKhwele” (Eks. 34:14) kumele ukusivusa ukuba sinyanyiseke. Ukunyanyiseka kuThixo “onekhwele” kukunyanyiseka eluthandweni. Ekulweni kokholo, ukunyanyiseka kunceda ukuchaza ukuba singoobani, kusikhuthaze ukuba sihlale edabini. Ukunyanyiseka kwethu kubalulekile kuThixo (1 Kumkani 8:61). Akusiso isivumelwano esizama ukubona kwangaphambili zonke iimeko; kungelulo noludwe lwemigaqo. Endaweni yoko, kubonakalalisa ngendlela ephathekayo iinkolo zethu buqu, ukholo nokuzinikela.

Funda: 1 IziKronike 28:9. Isifundisa ntoni le ndima ngokubaluleka kokunyanyiseka?

Phofu, apho kukho ukunyanyiseka, kuba nokwenzeka ukuba kubekho ukungcatsha. Ukunyanyiseka, njengothando, kufuneka kunikelwe ngokukhululekileyo, okanye asikuko ukunyanyiseka kwenene. Emfazweni, maxa wambi imikhosi ephambili kuyanyanzeleka ukuba ime ilwe; kungenjalo, abaphathi babo baya kuthi mababulawe. La madoda angawenza umsebenzi wawo, kodwa akungebi kuba enyanisekile. Asilulo uhlobo lokunyanyiseka uThixo alufunayo olo kuthi. Khangela uYobhi. Akazange azibone kwangaphambili iziganeko zentlekele ezaziza kuchitha usapho lwakhe, izinto zakhe, nempilo yakhe. Ngewayekuyekile ukuthembela, uthando nokuzinikela, kodwa ukunyanyiseka kwakhe kuThixo yayikukukhetha okungahexiyo kokulungileyo. Ethembekile, engoyiki ukudumisa uThixo ekuhlени, wathetha amazwi adumileyo, “Nokuba uthe wandibulala, ndothembela kuye” (Yobhi 13:15). Ukuthembeka kwakhe ejongene nentlekele kungumgomo wokunyanyiseka, kwaye kubonisa amagosa anyanisekileyo xa ekokona kunyanyiseka kwawo okukuko.

Zibuze: Ndinyanyiseke kangakanani eNkosini, eyandifelayo? Zeziphi iindlela endingakubonisa ngayo kakuhle oko kunyanyiseka?

Isazela Esisulungekileyo

Zininzi izinto ezinexabiso esinokuba nazo. Impilo, uthando, abahlobo, usapho olukhulu—zonke ezi ziintsikelelo. Mhlawumbi eyona ibaluleke ukuzidlula zonke sisazela esisulungekileyo.

Funda: Hebhere 10:19–22 no-1 Timoti 4:1, 2. Kukuba njani ukuba “nesazela esingendawo” “nesazela esitshiswe ngentsimbi”?

Isazela sethu sisebenza okomlawuli ongaphakathi wobomi bethu bangaphandle. Isazela sidinga ukuzayamisa kumgangatho ophezulu nogqibeleleyo: umthetho kaThixo. UThixo wawubhala umthetho waKhe entliziyweni ka-Adam, kodwa isono saphantsa sawucima-kungekuphela kuye kodwa nakwizala yakhe. Kwasala iingceba zomthetho. “[Iintlanga] zibonisa iimfuno zomthetho obhalwe ezintliziyweni zazo, saye isazela sazo naso singqinelana nawo” (Roma 2:15). UYesu uphumelela apho uAdam wawa khona kuba umthetho kaThixo “usembilini” waKhe” (Nd. 40:8).

UPawulos uthi siyintoni isisombululo kwisazela esibi? Bona Heb. 9:14.

“Igumbi elivalekileyo elizele izindlu zesigcawu zezazela zethu kufuneka zingeniwe. Iifestile zomphefumlo kufuneka zivaliwe ngasemhlabeni zivulwe kakhulu ngasezulwini ukuze imitha ekhanyayo yeLanga loBulungisa ingene ngokukhululekileyo. . . . Ingqondo kufuneka igcinwe ivulekile inyulu ukuze ikwazi ukwahlula phakathi kokulungileyo nokubi.”—Ellen G. White, *Mind, Character, and Personality*, vol. 1, pp. 327, 328. Xa umthetho kaThixo ukroliwe entliziyweni yokholwayo (Heb. 8:10), aze athi lowo ulikholwa ngokholo awufunee loo mthetho, isazela esisulungekileyo sinokubakho njengesiphumo.

Ukuba wakha walwa phantsi kokubandezeleka sisazela esinobutyala, uyazi ukuba kuba kubi kangakanani, indlela esihlala sikho ngayo, singakuniki kuphumla. Ukukhangela ngalo lonke ixesha kuYesu, nasekufeni kwaKhe emnqamlezweni ngenxa yakho nesono sakho, kungakunceda njani ukukukhulula kwisiqalekiso sesazela esinobutyala?

Ukuthobela

UAbheli wathi, ngokuthobekileyo, waguqa kwisibingelelo sakhe, ebambe imvana yomnikelo ngokomyalelo kaThixo. UKayin, kwelinye icala, enengqumbo, waguqa kwesakhe isibingelelo ephethe isiqhamo. Bobabini babezise iminikelo, kodwa omnye umzalwana wayewuthobele umyalelo kaThixo. Imvana eyaxhelwayo yamkelwa, kodwa imveliso ephuma emhlabeni yaliwa. Bobabini abazalwana babeyiqonda intsingiselo nemfundiso ngokubhekiselele kumnikelo wemibingelelo, kodwa wabamnye kuphela othobela oko uYehova wayekuyalele (Gen. 4:1–5).

“Ukufa kuka-Abheli kwakusisiphumo sokwala kukaKayin ukwamkela icebo likaThixo esikolweni sokuthobela, ukuze asindiswe ngegazi likaYesu Kristu, elalifuziselwe yiminikelo yemibingelelo eyayisalatha kuKristu. UKayin wakwala ukuphalaza igazi, okwakufuzisela igazi likaKristu elaliza kuphalazelwa ihlabathi.”—Ellen G. White Comments, *The SDA Bible Commentary*, vol. 6, p. 1109.

Ukuthobela kuqala engqondweni. Kubandakanya umsebenzi ocekethekileyo wakwamkelwa ngenqondo umsebenzi wokwenza imiyalelo evela kwigunya elingasentla. Ukuthobela kuphuma ubudlelwane ngegunya ngokwalo nokulungela ukulithobela igunya elo. Kumbandela kaThixo wethu, ukuthobela kwethu kokokuzithandela, isenzo sothando esibumba isimilo sethu kokulungileyo okufunekayo. Ukuthobela uThixo kufuneka kwenziwe kanye njengoko eyalela, kungabi njengoko sicinga okanye siqwenwa ukuba kube njalo. Umbandela kaKayin ungumzekeko oqibeleleyo womntu owenze eyakhe into endaweni yokwenza oko uThixo athi makwenziwe.

Funda: 1 Yohane 5:2, 3 nomaRoma 1:5; 10:16, 17. Zisifundisa ntoni ezi ndima ngokuthethwa kukuthobela kumKristu, osindiswe ngokholo ngaphandle kwemisebenzi yomthetho?

Asithobeli ukuze sisindiswe; sithobela kuba sele sisindisiwe. Ukuthobela yintetho eyenzekayo yokholo olulungileyo. USamuweli wathi kuSawule, “UYehova unonelele amadini anyukayo nemibingelelo, ngangokuba enonelele ukuphulaphulwa kwezwi likaYehova, yini na? Yabona, ukuphulaphula kulungile ngaphezu kombingelelo, nokubaza iindlebe kulungile ngaphezu kwamanqatha eenkunzi zeegusha” (1 Sam. 15:22).

Wayethetha ukuthini uSamuweli xa athi, “Ukuphulaphula kulungile ngaphezu kombingelelo”? Imele ukusixelela ntoni loo nto njengamaKristu enokusinceda ukuba singawi kwiVangeli yobuxoki yobabalo olungenaxabiso?

Intembeko

Funda: Luka 16:10–12. Kusifundisa ntoni oko ngentembeko? Kutheni le nto olu iluphawu olubalulekileyo kwigosa elithembekileyo?

Lo mthetho-siseko wokuba nokuthenjwa ubonakala kuyo yonke iBhayibhile. Umzekelo, kwelinye ibali, abagcini masango abane ababephambili babenikwe ukuba bakhusele ingcwele yeTestamente eNdala ebusuku. Kwafuneka belinde amagumbi azele yindyabo, bagcine izitshixo zokuvula iingcango zonke iintsasa (1 IziKro. 9:26, 27). Bawunikwa lo msebenzi kuba babebonwa befanelwe ukuthenjwa. Intembeko luphawu lwegosa elilungileyo. Oko kuthetha ukuba amagosa anokuthenjwa ayabazi ubunzulu bokubaluleka kwendawo yawo; ayazi ukuba uThixo unokuthenjwa, kwaye nawo aya kuzama ukuba njalo (Dut. 32:4, 1 Kumkani 8:56).

Intembeko ithetha ukuba neempawu ezivuthiweyo zesimilo. Ngowona mgangatho uphezulu wesimilo nokufaneleka athi umntu afikelele kuwo emehlweni abo babukeleyo. Ukubonakalalisa isimilo sikaThixo kuthetha ukuba uya kwenza oko uthi uya kukwenza, nokuba iimeko okanye abantu bakunyanzela ukuba wenze enye (2 Kumkani 12:15). UDaniyeli wabalelwa engofanele ukuthenjwa ngokukumkani bezikumkani ezibini zehlabathi. Ukwaziwa kwakhe kubo bonke ubomi bakhe njengomcebisi ofanele ukuthenjwa owathi, ngesibindi, wagqithisa izigidimi zobulumko nenyano kookumkani kwakuchasene noko kwezazi nabakhwitsi. Intembeko iligugu eliphezulu lokuziphatha; luvubeka umthetho-siseko wokulungileyo kwakho emboniselweni ikolona hlobo lunyulu. Olu phawu egoseni aluvele luthi gqi ngobusuku, kodwa lubakho nokuhamba kwexesha ngokuthembeka nakwizinto ezincinane.

Abanye bayakuqaphela ukuba nokuthembeka kwethu. Baya sihlonipha baxhomekeke kuthi kuba bayazi ukuba asiphethethwa lula ziingcamango, iintengiso, okanye ukukhohliswa. Ukuba nokuthenjwa ngoko kubonakalaliswa kukusebenza kwesimilo kuwo wonke umthwalo esiwunikwayo emhlabeni, indawo yokuvanyela izulu. “Kufuneka sithembeke, sibe ngabakhaya abanokuthenjwa bobukumkani bukaKristu, ukuze bathi abo bangabelhlabathi baboniswe abameli abanyanisekileyo bobutyebi, bokulunga, benceba, bobubele nembeko kubemi bobukumkani bukaThixo.”—Ellen G. White, *Testimonies for the Church*, vol. 6, p. 190.

Cinga ngomntu omazi ncasana ofanele ukuthenjwa. Yintoni ongayifunda kuloo mntu enokukunceda ukuba ube nokuthenjwa ngakumbi nawe?

Ingcamango Eyongezwiweyo:Olunye uphawu lwegosa elilungileyo kukuba nokuziphendulela. “Kukade ilicebo likaSathana ukuzitsala iingqondo zabantu ukuba zisuke kuYesu ziye emntwini, nokuchitha ukuba nokuziphendulela komntu. USathana wasilela kwicebo lakhe xa wayehenda uNyana kaThixo; kodwa waphumelela ngcono akufika kumntu owileyo. UbuKristu bonakaliswa.”—Ellen G. White, *Early Writings*, p. 213. UKristu esembindini wobuntu bethu, sikulungele ukukhokelwa nguYe. Ngenxa yoko, ukholo lwethu, ukunyaniseka, ukuthobela, isazela esisulungekileyo, intembeko, nokuba nokuziphendulela komntu ngamnye kuya kubonakala ebomini bethu. Ngaloo ndlela, njengamagosa, senziwe saphelala ezandleni zikaThixo (Nd. 139:23, 24). Ukuziphendulela komntu ngamnye kungumthetho-siseko weBhayibhile ofunekayo. Ngexesha elapha emhlabeni, uYesu wayenokuziphendulela ngokwaKhe kuYise (Mat. 12:36). “Kuba bonke abanikwe okukhulu, kuya kufunwa okukhulu kubo” (Luka 12:48). Oyena mngeni mkhulu ekuziphenduleleni komntu ngokwakhe, phofu, ngumkhwa wokugqithisela uxanduva lwethu komnye umntu. “Makuqatshelwe ukuba siyiyo eyethu impahla esiyiphathisiweyo ukuba sirhwebe ngayo. Ukuba ibiyeyethu, besiya kuthi sinegunya lokwenza ngokubona kwethu; besingalubhekisa kwabanye uxanduva lwethu, sibuyekele kubo ubugosa bethu. Akukwazi ke ukwenzeka oko, kuba iNkosi isenze ukuba sonke ngabanye sibe ngamagosa aYo.”—Ellen G. White, *Testimonies for the Church*, vol. 7, p. 177.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Makukhangelwe zonke iimpawu zegosa esizifundileyo kule veki: ukuziphendulela komntu, intembeko, ukuthobela, ukunyaniseka, isazela esisulungekileyo, nokuthembeka. Zayamene njani ezi mpawu olunye kolunye? Ukusilela kolunye kukhokelela njani ekusileleni kwezinye? Okanye ukuqina ekubambeleleni kolunye kungakhokelela njani ekuqineni kwezinye?
2. Khanihlale ngakumbi kwindlela izithembiso zegospile ezinokunceda ngayo abo basedabini nesazela esingendawo. Banokubanga izithembiso ezithini?
3. Sisoloko siyibona ingcinga “yokunyaniseka” iyelungileyo yona ngokwayo. Ingaba phofu isoloko injalo? Zeziphi iindlela ekunokwenzeka ukuba unyaniseke komnye umntu okanye kwenye into? Kutheni, ke ngoko, kufuneka ukuba ingcinga “yokunyaniseka” isoloko iqondwa kwimeko ethile ukuze kubonwe ukuba oku kunyaniseka kulungile na okanye kukwindawo engafanelekanga?